

Umfikazi u Deena Rubusana

Kwakuko mfundikazi utile, yena lowo wayezele yimisebenzi

elungileyo nasisisa abenaso. Izenzo 9:36

Njengoko isaziso sesixelile komnye umhlathi welipepa, u Deena (iMrs. W.B. Rubusana), ulishiyile elipakade waya kwelo lizayo ngomhla we 14 kuJuly 1920; ubudala bake bekuxa akumashumi omahlanu anesibozo, (58), kuba wazalwa nge Langa lika Qilo (1862). Ekubenikweni lentokazi ibiyimazi epala nenkabi, senza amalungiselelo encwadana enamacapaza obom bayo, esicinga ukuba ayakuba luncedo nakwezi nye intokazi, - nawe Mhleli siya kubulela ngokukulu ngofumanela lamacapazana ingqoto apo epepeni lomzi.

U Deena ogama limbi lingu Nomhaya uzalelwe e Singenqeni (e Bofolo), ezalwa ngu Nzanzana obesele sisibonda kwa Ngede kwa Centane, u Nzanzana lowo ngunyana ka Mqayi kaSheshegu, um-Zima, - unina yintombi ka Nonxuba um-Ntakwenda, ozalana no Reve isibonda sase Lusizi kwa Centane. Balishumi kokwabo, sisihlanu sentombi nesihlanu samadodana. Ngexesha uyise ka Deena lo abese Lujilo, intombi le yahlala kwamfundisi wake u Devisini wase Mbulu (Rev. James Davidson), yati kanti apo ifunda lukulu. Kute xa iludla dlazana wawela nayo umfundisi wasinga kwelakowabo; apo ufike wayitumela kwisikolo ekutiwa yi Dollar Academy e Skotilani ihlaulelwa kwanguyise u Nzanzana.

Ekubuyeni pesheya ufike wangena wafundisa e Ncemera (Peelton) ngemihla yayo yodumo zisapetwe intombi yintokazi ka Ntangana (Miss Sturrock), awafika u Deena lowo wancedisa yona, bangamate nolwimi. Ubonwe elapo ngumfundisi lo ungu Dr. Rubusana; umtshato ube ngo 1883, betshatiswa ngu Rev. W. Girdwood kwa Centane, kuba u Nzanzana wawela i Nciba kunye nenkosi zake ekuwezweni kwama Ngqika ngo 1878.

Babe se Ncemera nomyeni wake ixesha elinobom, indoda ingumncedisi ka Baliti, netitshala pantsi kwake; kodwa kute ekufeni kuka Baliti ngo 1892 kwavela isipendu esatsho bafudukela e Monti, ise ngumzana olula, kungekabiko nto ili Bandla lase Rabe. Baqala ebunzimeni bomzi orabaxa, ukuseka ityalike nezikolo, ezade zacuma ezandleni zabo, zatwala iziqamo kamashumi namakulu. Ube nabantwana abalishumi linababini (12), nakuba abakoyo bebahlanu izintombi zone nonyana omnye.

Umka Rubusana ube yintokazi edumileyo pofu engakatalele ludumo; umfazi obekutele ngo hlobo olude lwalityala nesifo. Impilo yake, oko wati waswelekelwa yintombi yake enkulu u Beauty ayizange ibe sema ndaweninye, nakuba lonto ubungeze uyive ngaye, kuba yena ukupila nokungapili bekuyinto enye, engakwazi ukulala pantsi. Ube ngumkutazi omkulu we Nqubela pambili; pofu engashiyanga nto kumasiko amahle esi Xosa; ezitiyile inkolonkolo kwa nama sikosiko acasene nobu Krestu.

Pezu kwazo zonke izinto abe nesipo sazo kubeko ISIPO sake esibe simangalisa bonke abantu, - eso sipo sesokuzalisa umzi wake ngentlanga ngentlanga zabantu, abakulu nehuwa yaba ntwanana abahlelelekileyo, naba fayoyi, engabazi inxenye noyise nonina. Ude ngenxa yesisenzo wazuza igama elitsha lokuba ngu “Nobuta.”

Kunge kumayana ukufika komkuhlane omtate intsuku ezilishumi njengezolo nezolo elinye, pofu watsho ngesiqodolo esibonisa ukuba namhlanje kokunye; igqira libone ukuba makaye e Hospitileni apo angayi kutetiswa ngabalunguzi, hayi nalapo wanyanisa umkuhlane oyi fiva ede yafika emipungeni nasemqaleni, wasweleka ngolwesi Tatu ngokuhlwa. Inkonzo yomncwabo iqutywe ngu Rev. P.W. Lowe wase Babatizi, otete kumazwi ati “Ngobanina abaya, bambete ezimhlope” Isityilo 7:14, uncediswe ngu Rev. W. Gqamlana wase Bayi no Rev. C. Lubisi wase Monti, no Messrs F. Prince wesi Bulu, M. Pelem wakwa Komani, Sibonda J. Mlonyeni no A. Maci base Ncemera. Bonke bevumelana ngomzekelo ebinguwo lentokazi.

Incwadi nengcingo zabakuzi nabotuki azibanga nganganto zivela kwi Afrika yonke ese zantsi, kwabamhlope kwanje ngabamnyama. Abantu emncwabeni ababanga nandlu inokubalingana, laye inani labo lingenakubalwa. Isikalo sembedlenge nentangantwa abezenzela isisa semihla ngemihla asibanga nako ukunyamezeleka. Ukutsho nditi, ilishiyile ilizwe intombi ka Nzanzana; ude watyapa u Rev. Gqamlana kwinkonzo yesi kumbuzo e Rabe ukubetelela amazwi esi Bhalo ati, “Ingcinga zam asizizo ingcinga zenu.”